

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwisihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*






*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Phezolo uDudu ufunde ibali elingezilwanyana.

Emva koko uye walala waze waphupha.




Uphuphe ntoni uDudu?
Uphuphe eneebhaluni ezinomoya eziye zamthatha zamnyusa zamsa phezulu esibhakabhakeni.



Ngeli xesha abhabhayo uDudu wadibana noNtaka. "Molo Ntaka, uhlala apha?" wabuza uDudu.

"Ewe, yindlwana yam le," waphendula uNtaka ngelizwi elincinci.





Wadlula uDudu wadibana noNkawu. "Bhota Nkawu, uhlala apha?" wabuza uDudu.

"Ewe, ngumthi wam lo," watsho uNkawu.




"Molweni Mnumzana Ngonyama noMnumzana Ngwenkala, nihlala apha na?" wabuza uDudu.

"Ewe, sihlala ehlathini," wagquma watsho uNgonyama. "Ewe kunjalo," wavungama uNgwenkala.

UDudu wadibana noNdlovu waza wabuza, "Molo Ndlovu omkhulu, uhlala apha?"

"Ewe, likhaya lam eli," wavakala esitsho uNdlovu. "Nam ndihlala apha," wangenelela uMkhombe. "Nam ngokunjalo," wasebeza watsho umbovane omncinci. "Ndihlala phantsi kwesi siduli."




imbovane



UDudu wabhabhela ngasemlanjeni. "Bhota Nkosikazi Mvubu, uhlala apha?" ubuzile uDudu.

"Ewe, ngumlambo wam lo kwaye ndihlala noFudo lwamanzi," watsho uMvubu ngelizwi elirhwexayo.





"Molo Mnumzana Ngwenya, uhlala apha nawe?" ubuzile uDudu.

"Ewe kunjalo!" wagragrama uNgwenya. "Kunjalonje ukuba akumki phambi kwamehlo am, ndakukunqwamza ube sisidlo sam sangokuhlwa."

"Yhoo! Ncedani ndafa!" wakhala watsho uDudu.



"Andikwazi ukubhabhela ekhaya kwakhona! UNgwenya ufuna ukunditya!" wakhala uDudu.

"Dudu, Dudu vuka! Uyaphupha," wamvusa esitsho umama wakhe. "Lixesha lokuvuka uye esikolweni."



UDudu waxelela umama wakhe ngazo zonke izilwanyana adibene nazo ephupheni lakhe.

"Ezinye zihlala emithini, ezinye zihlala ehlathini kanti ezinye zihlala emanzini," wambalisela njalo umama wakhe.

"Ephupheni bendibhabha phezu kwazo zonke," watsho ebaleka eleqa ibhasi yesikolo.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Jonga izilwanyana ezabonwa nguDudu ephupheni. Athini amagama azo? Zihlala phi?





2 Funa igama elifana negama elisekuqaleni ebhokisini.

| | | | |
|---|---|---|---|
| nini | phi | nini | yintoni |
| ngoko | apho | ngoko | ngoku |
| apha | leyo | apha | apho |
| le | leyo | leya | le |
| ngubani | ngubani | yintoni | kutheni |
| mna | yena | mna | wena |
| bona | nabo | nathi | bona |
| ndim | nguye | nguwe | ndim |
| zona | yona | zona | sona |



3 Khangela ebalini izivakalisi ezinesingxi • uphawu lombuzo ? neempawu zocaphulo " ". Zikhuphele encwadini yakho yemisebenzi.




## 4 Yenza lo msebenzi encwadini yakho.




Zoba umfanekiso wesinye sezilwanyana ezikhankanywe ebalini.
Bhala izivakalisi ezi-2 ngeso silwanyana.




## 5 Yenza upopayi womnwe




a. Khuphela ephepheni umgca wangaphandle kapopayi womnwe wesilwanyana uze uwusike.
b. Fakela imibala kupopayi wakho womnwe ngeekhrayoni zakho.










c. Ncamathelisa iziphelo uze ufake upopayi emnweni wakho.
d. Yenza upopayi wakho womnwe athethe nopapayi womnwe womhlobo wakho.



# Inqanaba: 3 — Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Iphupha likaDudu |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yesi-3 Inqanaba 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | phezolo, umoya, ilizwi, ngasemlanjeni, ngeli xesha, wadibana, wakhala, apha, wabuza, yaphendula, yatsho, le |
| Isigama: | iphupha, wagragrama, wagquma, nqwamza, indlwane, wavungama, wangenelela, wasebeza, wabhabha, isiduli, ihlathi |
| Izandi: | ph, lw, ndl, bh, ndlw, nk, ng, ngw, kh, mb, nqw, gr, th, nt, hl, gq |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Jonga imifanekiso uze uchaze izilwanyana uzixele namagama azo.<br>▪ Chaza ukuba zihlala phi izilwanyana.<br>▪ Chonga amagama uze uwatshatise.<br>▪ Khuphela izivakalisi ezinesingxi, uphawu lombuzo kunye neempawu zocaphulo.<br>▪ Zoba umfanekiso uze ubhale izivakalisi ezi-2.<br>▪ Yenza upopayi womnwe. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2619-2

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2619-2

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USele uya esikolweni
- Ndiyakwazi ukufunda
- Siya esikolweni
- Usuku lwemidlalo yezilwanyana

### Inqanaba: 2

- Siyayithanda ibhola ekhatywayo
- Silinganisa iimpahla
- UBathathe unomhlobo omtsha
- UTshotsho ilori etiphayo

### Inqanaba: 3

- Isikhukukazi esibomvu
- ULinda uya kwagqirha
- Iphupha likaDudu